



# Wes-Kaapse Provinsiale Parlement Western Cape Provincial Parliament IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

UKUBHIYOZELA IMINYAKA  
ENGAMA-20 YOMGAQO-SISEKO

UXWEBHU LWEMIBA 18

UHLAZIYO 1, 1 JUNI 2017

## Ukubhiyozela iminyaka *engama-20* yoMgaqo-siseko kunye nama-20 eminyaka oko kwasekwa i-NCOP

### INTSHAYELELO

- Lo nyaka uphawula isikhumbuzo sama-20 soMgaqo-siseko woMzantsi Afrika.
- UMgaqo-siseko ngumthetho omkhulu welizwe. awukho omnye umthetho okanye inyathelo likarhulumente elinakho ukugqitha ngaphaya kwezibonelelo zoMgaqo-siseko.
- UMgaqo-siseko woMzantsi Afrika ngomnye weyona iphucukileyo enenkqubela ehlabathini kwaye unewonga eliphezulu kumazwe ngamazwe.
- UMgaqo-siseko wethu ubeka indlela imiba karhulumente eququqzelelwa ngayo kwaye uqulathe imithetho emalunga nendela amagunya alawulwa ngayo, ingubani olawula wona kwaye nokuba ngubani alawulwa kuye kulawulo lwelizwe.

### IMBELAPHI

- UMgaqo-siseko utyikitywe waba ngumthetho ngowayesakuba nguMongameli uNelson Mandela eSharpeville ngowe-10 Disemba 1996 waza waqala ukusebenza ngowe-4 Februari 1997.
- Utyikityo loMgaqo-siseko eSharpeville lwaba luhawu lwasikhumbuzo kukhunjulwa abantu abasweleka ngenxesha lomngcelele woxolo owawuchasene nemithetho ekhohlakeleyo yamapasi ngowama-21 Matshi 1960. Njengoko uMongameli Mandela waluchaza, utyikityo loMgaqo-siseko eSharpeville lwaphawula ukuvalwa kwesahluko sokhutshelo ngaphandle nokuqinisekiswa kokuzimisela kwethu ekwakheni uluntu sonke esinakho ukungca ngalo .
- Uqulunqo loMgaqo-siseko lwaba sisiphumo zezindululo nothethethwano olwathabatha ixesha elide phakathi kwamaqela esopolitiko ahlukeneyo kwanamaqela anomdla eMzantsi Afrika. Lube phantsi kodakanco olonzulu yiNkundla yoMgaqo-siseko, osekwe ngokwemigaqo koMgaqo-siseko weThutyana ka-1993.

- UMgaqo-siseko uqalise ukusebenza ngowe-4 Februwari 1997 kwaye ukusukela ngoko uthe waguqula ngokukhawuleza inkangaleko yezomthetho, eyezopolitiko, eyezentlalo neyezoqoqosho yelizwe.
- Umgaqo-siseko liqoqo lemigaqo ebalulekileyo apha umbuso unokulawulwa ngayo. EMzantsi Afrika, uMgaqo-siseko ngumthetho omkhulu welizwe kwaye amanye amasuntswana omthetho makazayamanise nezibonelelo zavo.
- UMgaqo-siseko ubonelela, phakathi kwezinye, isiseko sezomthetho sobukho beRiphabhlik, udakanca amalungelo ethu, amalungelo nemisebenzi yabemi yayo, kwaye ichaza isiseko sikarhulumente.

## **ISAHLUKO 1 SOMGAQO-SISEKO**

- ISahluko 1 soMgaqo-siseko siqulathe izibonelelo zesiseko kwaye sibonelela ukuba iRiphabhlik yoMzantsi Afrika ngumbuso omnye izimeleyo, wedemokrasi osungulwe ngezi ntsulungeko zilandelayo:
  - isidima somntu, ukufezekiswa kolingano nokuqhutylewa phambili kwamalungelo neenkululeko zoluntu;
  - ukungacaluli nokungabukulani ngokwesondo;
  - ubunganga boMgaqo-siseko; kunye
  - nolawulo lomtrhetho.
- Ilungelo lokuvota Iwabo bonke abadala, umqulu ofanayo wabavoti kazwelonke, ulonyulo Iwarhoqo kunye nenqubo yamaqela onke karhulumente wedemokrasi ukuba ibekho ukuqinisekisa ukunika inkcaza, ukuphendula nokuvuleleka.
- ISahluko 1 uphinda ubonelele ubunganga boMgaqo-siseko, ubume, umhobe wesizwe, iflegi yesizwe neelwimi ezssemthethweni zonke zelizwe lethu.
- Imigaqo-siseko kunye nokuba kumgaqo-siseko kuhamba kunye namalungelo oluntu. Amalungelo asoloko ebethelelwa kwicandelo elilodwa lomgaqo-siseko, abizwa umqulu wamalungelo.

## **ISAHLUKO 2 SOMGAQO-SISEKO**

- UMqulu waMalungelo (ISahluko 2 soMgaqo-siseko) sisikhonkwane sedemokrasi yoMzantsi Afrika. uqaqambisa amalungelo abo bonke abantu eMzantsi Afrika kwaye uqinisekisa iintsulungeko zedemokrasi sesidima soluntu, ulingano nenkululeko.
- UMqulu waMalungelo udibanisa iPalamente, isigqeba, ubulungisa nawo onke amanqwanqwa ombuso. Amalungelo aqulathwe kuMqulu waMalungelo axhomekeke kwiminyino equlathwe okanye ekubhekiswe kuyo kwicandelo 36 loMgaqo-siseko, okanye kwenye indawo kuMqulu waMalungelo.
- linjongo zomgaqo-siseko zibekwa phambili kwimbulambethe, apha kuxelwa ukuba iNdlu yoWiso-mthetho yoMgaqo-siseko yaphehlelala uMgaqo-siseko ukuba wenze oku kulandelayo:
  - upholise iiyantlkwano zamandulo;
  - useke uluntu olusekezelwe kwiintsulungeko zedemokrasi, ubulungisa bezentlalo, kunye neziseko zamalungelo oluntu;
  - wandlale iziseko zoluntu lwedemockasi noluvulelekileyo;
  - uqinisekise ukuba urhulumente welizwe usekezelwelwe kwintando yabantu;

- wenze ummi ngamnye ukuba akhuselwe ngumthetho;
- uphucule umgangatho wobomi;
- ukhulule amandla omntu ngmnye;
- wakhe ilizwe elimanyeneyo noMzantsi Afrika wedemokrasi; kwanokuba
- uxhobise ilizwe ukuba lithabathe indawo yalo elifaneleyo kusapho lwezizwe.
- 

### **ISAHLUKO 3 SOMGAQO-SISEKO**

- Isahluko 3 soMgaqo-siseko libeka amanqwanqwa karhulumente. KwiRiphabhliki, urhulumente wakhiwa njengamanqwanqwa karhulumente kazwelone, awamaphondo nawommandla abonakalayo, axhomekeke elinye kwelinye nazalanayo.
- Onke amanqwanqwa karhulumente makaqaphela kwaye athobele imigaqo iSahluko esiyibonelelalo kwaye aqhube imisebenzi yavo phakathi kulo mida.
- Sidakanca imigaqo yolawulo lwentsebenziswano kwakunye nobudlelane boorhulumente obuquka, phakathi kwezinye, ukugcina uxolo, umanyano lvesizwe kunye nokungahluli kweRiphabhliki, ukugcina inttalontle yabantu berRiphabhliki nokubonelela ngorhulumente osebenzayo, ongafihlisiyo, onika inkaza noyondeleleneyo kwiRiphabhliki iyonke.

### **ISAHLUKO 4 SOMGAQO-SISEKO**

- Isahluko 4 sichaza isiseko sePalamente, isebe lowiso-mthetho likarhulumente kazwelone.
- IPalamente yenziwa yiNdlu yoWiso-mthetho kaZwelone kunye neBhunga leSizwe laMaphondo.
- INdlu yoWiso-mthetho kaZwelone yenyulelwu ukumela abantu nokuqinisekisa urhulumente wabantu phantsi koMgaqo-siseko. Ikwenza oku ngokuchonga uMongameli, ngokubonelela iqonga lesizwe loqwalaselo loluntu lwemiba, ngokuphumeza imithetho nangokubhenca nokongamela inyathelo lesigqeba.
- IBhunga leSizwe laMaphondo limele amaphondo ukuqinisekisa ukuba imidla yamaphondo iselwa iso kwinqanaba likarhulumente kazwelone. Likwenza oku ukakhulu ngokuthabatha inxaxheba kwinkubo yowiso-mthetho kazwelone kwakunye nokubonelela iqonga lesizwe loqwalaselo loluntu lwemiba echaphazela amaphondo.

### **ISAHLUKO 5 SOMGAQO-SISEKO**

- Isahluko 5 sicacisa ngesiseko sesigqeba sikazwelone namagunya kaMongameli.
- UMongameli uyintloko yelizwe kwakunye nentloko yesigqeba sikazwelone kwaye kufuneka agcine, akhusele aze anike imbeko kuMgaqo-siseko njengomthetho onobunganga weRiphabhliki kwaye akhuthaze umanyano lvesizwe nokuza kusa phambili iRiphabhliki.
- UMongameli unamagunya awanikwe nguMgaqo-siseko nomthetho, kuquka lawo afunekayo ukuqhuba imisebenzi yentloko yelizwe kunye nentloko yesigqeba sikazwelone.
- UMongameli unoxanduva loku, phakathi kwezinye, ukwamkelwa nokutyikitya imithetho esayilwayo, ukubuyisela imithetho esayilwayo kwiNdlu yoWiso-mthetho ukuba iphinde

iqwalasele ukuba kumgaqo-siseko komthetho osayilwayo kwakunye nokuseka iikhomishoni zophando.

## **ISAHLUKO 6 SOMGAQO-SISEKO**

- ISahluko 6 siseka amaphondo alithoba oMzantsi Afrika kwaye uchaza amagunya nesiseko soorhulumente bamaphondo.
- IRiphabhliki inala maphondo alandelayo:
  - IMpuma Kapa;
  - IFree State;
  - IRhawuti;
  - IKwaZulu-Natal;
  - ILimpopo;
  - IMpumalanga;
  - UMntla Koloni;
  - UMntla Ntshona; kunye
  - neNtshona Koloni.

## **ISAHLUKO 7 SOMGAQO-SISEKO**

- ISahluko 7 sibeka isikhokelo kurhulumente wommandla nakoomasipala bakhe.
- Inqwanqwa lommandla likarhulumente lenziwa ngoomasipala, emabasekwe kuyo yonke imida yeRiphabhliki.
- Igunya lesigqeba nelowiso-mthetho likamasipala libekwe kwibhunga limasipala wakhe.
- Umasipala unelungelo lokulawula, ngelinge lakhe, imiba karhulumente wommandla yoluntu lwakhe, kuxhomekeka kumthetho kazwelone nowephondo, njengoko kubonelelw kuMgaqo-siseko.
- Urhulumente kazwelone okanye owe phondo akanakho ukubeka esichengeni okanye abe ngumqobo kwisakhono okanye ilungelo likamasipala lokusebenzisa amagunya akhe okanye ukuqhube imisebenzi yakhe.
- Iinjongo zikarhulumente wommandla zezi, phakathi kwezinye, ukubonelela ngorhulumente wedemokrasi nonika inkcaza kuluntu lwemimandla, ukuqinisekisa ubonelelo lweenkonzo kuluntu ngendlela ezinzileyo, ukuphakamisa uphuhliso lwezentlalo noloqoqosho kwanokuphakamisa imeko ekhuselekileyo nesempilweni.

## **ISAHLUKO 8 SOMGAQO-SISEKO**

- ISahluko 8 soMgaqo-siseko simisela iinkundla nolawulo lobulungisa ngenkqubo yobulungisa kunye negunyabantu lobulungisa.
- Sichaza ubume obenziwa ziiNkundla zooMantyi, iNkundla ePhakamileyo, iNkundla ePahakamileyo yeZibheno, kunye neNkundla yoMgaqo-siseko.
- Sibonelela ngolonyulo lweejaji nguMongameli ngengcebiso yeKhomishoni yeNkonzo yezoBulungisa kwaye siseka iGunyabantu lezoTshutshiso liIkaZwelone eliodwa elinoxanduva lwalo lonke utshutshiso lolwaphulo-mthetho.

## **ISAHLUKO 9 SOMGAQO-SISEKO**

ISahluko 9 siqaqambisa amaziko ombuso aqinisa idemokrasi yomgaqo-siseko kwiRiphabhliki. La maziko ombuso aquka la landelayo:

- UMkhuseli woLuntu;
- IKhomishoni yaMalungelo oLuntu;
- IKhomishoni yoPhakanyiso noKhuselo lwaMalungelo oLuntu ezeNkcubeko, iNkolo neeLwimi;
- IKhomishoni yoLungelelaniso ngokweSini;
- UMphicothoi-ziNcwadi Jikelele; kunye
- neKhomishoni yezoLonyulo.

## **ISAHLUKO 10 SOMGAQO-SISEKO**

- ISahluko 10 siqaqambisa ulawulo lukarhulumente omalulawulwe ngeentsulungeko zedemokrasi nemigaqo efakwe kuMagqo-siseko. Le migaqo iquka oku kulandelayo:
  - Umgangatho ophezulu weentsulungeko zobungcali mawukhuthazwe kwaye ugcinwe.
  - Usetyenziso olubonakalayo, olwezoqoqosho nolusebenzayo lwemithombo malukhuthazwe.
  - Ulawulo lukarhulumente maluqhutywe luhphuhliso.
  - Iinkonzo makubonelelwe ngazo kungakhethwe cala, ngefeya, ngolingano nangokungakhethi iphela emasini.
  - Iimfuno zabantu makuphendulwe kuzo kwaye uluntu malukhuthazwe ukuba luthabathe inxaxheba kulwenziwo lwemigaqo-nkqubo.
  - Ulawulo lukarhulumente amalunike inkcaza.
  - Ukungafihlii makaubethelelwe ngokubonelela uluntu ngolwazi kwangexesha, olufikelelekayo noluchanekileyo.
  - Ulawulo lwabasebenzi oluhle kunye nezenzo zophuhliso lwamakhondo kufuneka zibethelelwe ukwandisa amandla oluntu.
- Ulawulo lukarhulumente malumelwe ngokuxananazileyo ngabantu baseMzantsi Afrika, zibe izenzo zengqesho nolawulo lwabantu zisekezelwelwe kwisakho, ingqiqo, ifeya, kunye nemfuno yokulgalingani kwexesha langaphambili ukufezekisa umelo oluxananazileyo.

## **ISAHLUKO 11 SOMGAQO-SISEKO**

- ISahluko 11 siseka iziseko zolawulo lwabemi lomkhosi wezokhuseleko, inkonzo yamapolisa kunye nenkonzo yezobuntlola.
- Senza uMngameli inkumanda elawulayo yomkhosi wezokuseleko, kodwa sibeka iimeko zokuba oku kungenziwa nini na nanjani na, kwaye sifuna iingxelo zarhoqo kwiPalamente.
- Inkonzo yamapolisa ibekwe phantsi kolawulo lukarhulumente kazwelonke kodwa sinika oorhulumente bamaphondo igunya elithile lokulawula nokongamela isipolisa.

## **ISAHLUKO 12 SOMGAQO-SISEKO**

- ISahluko 12 sinakana imeko negunya leenkoheli zemveli kwakunye nomthetho wezemveli, kuxhomekeka kuMgaqo-siseko.

- sivumela ukudalwa kwezindlu zamaphondo zeenkokheli zemveli kunye nebhunga likazwelone leenkoheli zemveli.
- Umtetho kazwelone ungabonelela ngendima yobunkoheli bezemveli njengeziko kwinqanaba lommandla ngemiba echaphazela uluntu lommandla.
- Ukuhoyana nemiba enxulumene nobunkoheli bezemveli, indima yeenkokheli zemveli, umthetho wezemveli kunye namasiko oluntu oluqaphela inkqubo yomthetho wezemveli, umthetho kazwelone okanye oweephondo ungabonelela ngokusekwa kwezindlu zeenkokheli zemveli kwaye umthetho kazwelone ungaseka ibhunga leenkoheli zemveli.

#### **ISAHLUKO 13 SOMGAQO-SISEKO**

- Isahluko 13 sihoyana nezimali zikarhulumente.
- Siseka iNgxowamali yeNgeniso kaZwelone, apho le mali ingabiwa kuphela ngumthetho wePalamente, iiNgxowamali zeNgeniso zaMaphondo, apho le mali ingabiwa kuphela ngumthetho wendlu yowiso-mthetho yephondo.
- Sibonelela ngohanjiso olulingananyo lwengeniso kazwelone ukuyisa kumaphondo noomasipala, kwaye sibonelele oorhulumente bamaphondo naboomasipala ngamagunya okunyusa emiye imirhumo neerhafu.
- Sifuna uhlahlo Iwabiwo-mali olusebenzayo nolungafihliyo kuwo onke amanqanaba karhulumente kwaye sinika uNondyebo kaZwelone igunya lokongamela iinkqubo zohlahllo Iwabiwo-mali.
- Sibeka iminyino ethile kwintengo karhulumente nokuboleka kukarhulumente. Esi sahluko siseka iKhomishoni ysezeMali neyokuBopha (ukucebisa urhulumente ngemiba yezemali) kunye neBhanki enguVimba (ukongamela uhlobo Iwemali yelizwe).

#### **ISAHLUKO 14 SOMGAQO-SISEKO**

- Isahluko sokugqibela sihoyana nezibonelelo zeenguqu nokunokuthi kwenzeke. Ngokuphandle, icandelo lokuqala lesi sahluko luhoyana nomthetho wamazwe ngamazwe, kuxhomekeka ukuba izivumelwano ezikhoyo ezbophelela uMzantsi Afrika ziza kuqhuba ziwbophelela, kwanokuba izivumelwano ezitsa (ngaphandle kwezo zobume bezobuchwepheshe) ziza kubophelela kuphela nje ukuba ziphunyezwe yiPalamente.
- Sikwabonelela nokuba umthetho wamazwe ngamazwe wezemveli uyasebenza eMzantsi Afrika ngaphandle kokuba ukhabana nomthetho kazwelone, kwanokuba iinkundla mazithi, xa kuyimfuneko, zitolike umthetho kazwelone ukuba unggamane nomthetho wamazwe ngamazwe.